



# education

Department:  
Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

**IBANGA 12**

**ISIXHOZA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**FEBRUARY/MARCH 2009**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2 iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha ama-6.**

**IMIYALELO**

1. Abafundi kulindeleke ukuba baphendule umbuzo OMNYE kwiCandelo ngalinye.
2. ICandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha uze ukrwele umgca wakuggiba iCandelo elo.
3. Bhala cacileyo nacocekileyo, ucwangcise kakuhle umsebenzi wakho.
4. Qwalasela upelo Iwamagama kunye nolwakhiwo.
5. UBUDE BEEMPENDULO

ICANDELO A: Izincoko – Bhala isincoko esinamagama ali-150 – 180. (40)

ICANDELO B: Imihlathana Emide – Bhala ama-60 – 80 amagama.  
(umxholo uwodwa) (20)

ICANDELO C: Imihlathana Emifutshane – Bhala ama-40 – 60 amagama.  
(umxholo uwodwa) (20)

**ICANDELO A: IZINCOKO**

Khetha isincoko sibe SINYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-150 ukuya kwi-180.

**UMBUZO 1**

- 1.1 Ningabafundi nisebenze kakuhle esikolweni xa benikukhuphiswano lomculo. Nifumene ibhaso lokuqala. **Balisa** ngale mini. [40]

**OKANYE**

- 1.2 Utitshala wakho wakunceda ngezinto ezininzi. Wakuphatha njengomzali wakho. Uyamthanda yaye uyaziqhayisa ngaye. **Bhala** isincoko **uchaze** ukuba **utitshala wakho** ungubani na. [40]

**OKANYE**


- 1.3 Umandela wezopolitiko ngumcimbi onzima. Ngokwalo mfanekiso bhala isincoko **uchaze** ukuba unyulo luyichaphazela njani impilo yabahlali.



[40]

**OKANYE**

- 1.4 "Ndasindiswa ziinyawo zam ukuze ndibe ndisaphila." **Bhala** isincoko **ubalise** ukuba kwakutheni kude kube nje.



[40]

### OKANYE

- 1.5 **Ubuntu.** Bhala isincoko **uchaze** ukuba buthetha ntoni kuwe **ubuntu.** [40]  
**AMANQAKU ECANDELO A:** 40

**ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**

Khetha umhlathana ube **MNYE** kule ilandelayo. Bhala ama-60 ukuya kuma-80 amagama. Bhala kwiphepha elitsha.

**UMBUZO 2**

- 2.1 **Bhala iRivyu** yencwadi oyifundileyo unyatthele kwezi zinto zilandelayo: Igama lencwadi, umbhali, intshukumo, abalinganiswa, uluvo lwakho ngencwadi leyo. Ingaba umxholo wayo uyahambelana nexesha esiphila kulo na? [20]

**OKANYE**

- 2.2 **Bhalela** abazali bakho ucele imvume yokuya kukhuphiswano lokukhethwa kuka'Miss SA 2009' eGauteng. [20]

**OKANYE**

- 2.3 UTito uxoxa nomhlobo wakhe uLizo babonisana ngeendlela zokuziqalela ishishini. **Qhubeka ubhale le ngxoxo** iphakathi kwabo sive ukuba iphelela phi na.

Tito: Molo Lizo.

Lizo: Ewe! Mhlobo wam.

Tito: Khawutsho ntanga, usebenza phi kanene ?

Lizo: Imisebenzi ayikho. Ndihleli andenzi nto.

Tito: Ndinecebo eliza kusiphilisa. Masiqale ishishini!

Lizo: Yiza necebo lakho, mhlobo wam.

Tito: .....

Lizo: .....

[20]

**OKANYE**

- 2.4 Amasela abhaqwe ngamapolisa ezama ukuqhekeza indlu yepolisa. **Bhala ingxelo** yento oyibonileyo isenzeka. [20]

**AMANQAKU ECANDELO B:** 20

**ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**

Khetha umhlathana ube **MNYE** kule ilandelayo. Bhala ama-40 ukuya kuma-60 amagama. Bhala kwiphepha elitsha.

**UMBUZO 3**

- 3.1     **Thengisa** le khompyutha ngendlela eya kwenza umdla kubathengi bazibone beyithenga.



[20]

**OKANYE**

- 3.2     Bhala **iCwecwe lesimemo** umeme abahlobo bakho ukuba baze kwitheko lakho lokugqiba iminyaka engama-21.

[20]

**OKANYE**

- 3.3     Niqala ishishini lenu ngoku nifuna ukuba abantu balazi ukuze banixhase ngokuthenga imveliso yenu.

**Bhala isibhengezo–ntengiso** semveliso yeshishini lenu. Isibhengezo–ntengiso masibe nomtsalane kubathengi.

[20]

**AMANQAKU ECANDELO C:**     20

**AMANQAKU EWONKE:**       80